education

Department:
Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 11

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO

IPHEPHA LESITHATHU (UMZEKELO)

EXEMPLAR 2007

AMANQAKU: 100

IXESHA: 2½ iyure

Olu viwo lunamaphepha ama - 5.

IMIYALELO

1. Abaviwa kulindeleke ukuba baphendule umbuzo OMNYE kwiCANDELO ngalinye.

2. ICandelo ngalinye malibhalwe kwiphepha elitsha, uze ukrwele umgca wakugqiba iCandelo elo.

3. Bhala cacileyo nacocekileyo ukuze kube lula ukukorekisha umsebenzi wakho.

4. Nika ingqalelo eyodwa kupelo lwamagama kunye nokwakhiwa kwezivakalisi.

5. UBUDE BEEMPENDULO:

   ICANDELO A: IsiNcoko – Bhala isincoko esingama-200 - 250 amagama.

   ICANDELO B: ImiHlathana emide – Bhala ama- 120 – 150 amagama (umxholo kuphela).

   ICANDELO C: ImiHlathana emifutshane – Bhala ama- 80 – 100 amagama.

ICANDELO A: IZINCOKO

Khetha isihloko sibe siNye esiva wena kwezi zilandelayo. Bhala amagama angama-200 ukuya kuma-250.

UMBUZO 1

Inkulu indima edlalwa ngamanina kwezoqoqosho, kuba ankqenkqeza phambili kwezoshishino, kwimibutho yasekuhlaleni ebolekisa ezalisa ngemali. Xoxa kucace nakosebeleni phantsi kwesihloko esithi, “Indima edlalwa ngamanina kwezoqoqosho ithathe nyawo lumbi." **[50]**

OKANYE

UMBUZO 2

Emva kwemigudu nemizamo usiwa uvuka ufuna imali yokuqhubeka nezifundo zakho, ube nethamsanqa lokuba uzuze isipho-mali esivela kumntu othile ongamaziyo sokuba uqhubeke nezifundo zakho. Chaza kuvokotheke ngovuyo nochulumanco onalo wakuva ezi ndaba zimnandi kangaka nokuba uza kuwafezekisa njani amaphupha akho. **[50]**

OKANYE

UMBUZO 3

Ingaba ilobola yinto ebalulekileyo kule mihla siphila kuyo? Xoxa kuvakale ngesi sihloko udandalazise ubuhle nobubi becala ngalinye, wandule uvakalise olwakho uluvo. **[50]**

OKANYE

UMBUZO 4

Ngenxa yesidubedube esehle esikolweni senu, nibona sekufika amapolisa exhobe efohlele. Balisa ngokwenzekayo okwakhokelela kulo mbhodamo wokuza kwamapolisa. **[50]**

OKANYE

UMBUZO 5

Maxa wambi amalungelo omthengi athi angquzulane nalawo omthengisi nto leyo ekhokelela kwimpixano. Xoxa kuvokotheke phantsi kwesihloko esithi, “Uqatshelo nokwaziswa kwamalungelo omthengi nomthengisi." **[50]**

AMANQAKU EWONKE KWICANDELO A: 50

ICANDELO B: IMIHLATHANA EMIDE

Chonga umhlathana ube MNYE kuphela omde. Bhala amagama- 120 – 150 amagama (umxholo kuphela). Wubhale kwiphepha elitsha umhlathana lowo.

UMBUZO 1

Indlela yesithuthi eya kwindawo ohlala kuyo ikwimeko embi kakhulu kuba inezigingqi, xa kusina imvula iimoto azikwazi kuhamba. Bhalela uMhleli wephephandaba uvakalise isikhalazo ngalo mbandela.

[30]

OKANYE

UMBUZO 2

Kudibene oomagrazula ababini, ugqirha osebenzisa amayeza esiLungu negqirha lesiNtu elisebenzisa iingcambu. Esi sibini siphikisana ngamandla onyango lwamayeza esiwasebenzisayo. Bhala ingxoxo eshushu eqhubeka phakathi kwesi sibini. **[30]**

OKANYE

UMBUZO 3

Kukho imuvi esandula kupapashwa yinkampani yakwa-*Sterkinor* enika umdla kakhulu elungiselelwe wonke umntu. Yenza uphendlo olunomtsalane (irivyu) lwale muvi. **[30]**

OKANYE

UMBUZO 4

UnguMcebisi kuMphathiswa wezoThutho, bhala ingxelo aza kuyithi thaca ePalamente ngesicwangciso sokunciphisa iingozi zezithuthi ezindleleni.

[30]

AMANQAKU EWONKE KWICANDELO B: 30

ICANDELO C: IMIHLATHANA EMIFUTSHANE

Bhala umhlathana ube MNYE kweli Candelo. Umhlathana lowo mawube ngamagama angama-80-100. Wubhale kwiphepha elitsha umhlathana lowo.

UMBUZO 1

Ungumthunywa wengingqi yakho kwintlanganiso yephondo yabafundi eza kuthabatha iintsuku ezintlanu. Bhala ingeniso kwidayari izigqibo zosuku ngalunye. **[20]**

OKANYE

UMBUZO 2

Bhala umyalelo oya kwiintanga zakho uzicebise ngokuzigcina zisempilweni zihlale ziphaphile engqondweni.

[20]

OKANYE

UMBUZO 3

“Iyaphum’indodana, iza kwamany’amadodana.” Yenza isimemo somgidi wamakhwenkwe aphuma esuthwini. **[20]**

AMANQAKU EWONKE KWICANDELO C: 20

AMANQAKU EWONKE: 100